Wine and Agricultural Ethical Trade Association

Imithetho-siseko yeeNqobo eziSesikweni

Inkampani yethu ivumelana nokuhlonitshwa kwanokuxhaswa kwemithetho-siseko yeeNqobo ezisesikweni yeWIETA.

Ishishini lilawulwa ngokweenqobo ezisesikweni

Siqinisekisa ukuba ishishini lilawulwa ngokusesikweni kwaye lamkela iinqobo ezisesikweni zolawulo lweemeko esiphila kunye nesisebenza phantsi kwazo.

Akuvumelekanga ukuba umntwana aphangele. Lukhona ukhuseleko lwabesebenzi abaselula.

Asiqeshi nawuphina umntwana ongaphantsi kweminyaka eli-15 ubudala kwaye apho kuthe kwaqeshwa abasebenzi abaselula bakhuselekile ngokomthetho.

Akukho msebenzi wenziwa ngesinyanzeliso okanye ngobukhoboka.

Asikusebenzisi okanye asikuxhasi ukwenziwa komsebenzi ngesinyanzeliso, ubukhoboba, ukusetyenziswa ngathi usentolongweni okanye ukwenziwa kwesivumelwano esibhaliweyo sengqesho.

Isimo sendawo esempilweni nekhuselekileyo yokusebenzela

Sibonelela abaqeshwa bethu ngesimo sendawo esempilweni nekhuselekileyo yokusebenzela

Ukubonelela rhoqo ngengqesho

Sizama ukubonelela rhoqo ngengqesho ngokusekelwe phezu kobudlelwane bengqesho ngokommiselo wesivumelwano. Ukubonelela ngeenkonzo zengqesho zethutyana kumele kufezekiswe imigangatho yeenqobo ngokusesikweni.

Akukho nkethe yocalucalulo ngokwebala

Asinacalucalulo kuye nawuphi na umqeshwa, kungekho naziphi na izehlo eziqukiweyo okanye ukubandezeleka ngokwesondo okanye ngokobuhlanga, kwanokubonelela uwonke-wonke ngamathuba ngokulinganayo.

Ukuzama ukuhlawula umvuzo osemgangathweni

Sizama ukuhlawula abaqeshwa bethu umvuzo osemgangthweni kwaye siya kuthi ubuncinane singahlawuli nganeno kwemigangatho emisiweyo ngokusemthethweni kuzwelonke.

Akukho ziyure zokusebenza zigqithisileyo

Siqinisekisa ukuba abaqeshwa basebenza iiyure ezifanelekileyo kwaye sithobela iimfuneko zomthetho ezinxulumene neeyure zokusebenza.

Ukuphatheka ngendlela efanelekileyo kunye nokuthatha amanyathelo afanelekileyo oluleko.

Bonke abaqeshwa bethu sibaphatha ngokwesidima kwaye sibahloniphile sikwasebenzisa amanyathelo oluleko afanelekileyo.
Abaqeshwa bakhuthazwa ukuba mabasebenzise iinkqubo zokufaka izikhalazo kwaye akukho calulo ngokwebala, ululeko okanye bagxothwe ngokwenza oko.

Iimeko zezindlu ezifanelekileyo kunye nokhuseleko lwexesha lengqeshiso ngesakhiwo

Apho sibonelela ngendawo yokuhlala efama, abaqeshwa kunye nomnini wefama, kumele baqinisekise ukuba indawo yokuhlala icocekile, ikhuselekile kwaye ubuncinane ifezekisa iimfuneko ezisisiseko sabantu abahlala kuyo ngokwemigaqo yomThetho weeNqobo weWIETA kunye neESTA.

Ukumanyana nabanye ngokukhululekileyo nelungelo lokubamba iingxoxo zesivumelwano ngokuhlangeneyo

Siwahloniphile amalungelo wabaqeshwa bethu okuzibandakanya okanye okuqulunqa imibutho yomanyano lwabasebenzi okanye imibutho yabo abazikhethele yona nokubamba iingxoxo zesivumelwano ngokuhlangeneyo.

Ukuba unayo nayiphi na imibuzo malunga nomThetho weeNqobo weWIETA okanye umgangatho womsebenzi qhagamshelana nedesika yoncedo lwezabasebenzi yakwaWIETA.

063 766 6548
Umnxeba kawhatsapp kaWIETA

0800 627 774
Inombolo yomnxeba wasimahla weWIETA

T: +27 (0)21 880 0580 | **F:** +27 (0) 21 880 0576 | Unit 5, Time Square, 8 Electron Road, Technopark, Stellenbosch 7600

www.wieta.org.za